Isalathiso: 20211007-6564
Inombolo yefayili: 12/2/10/5/5
Imibuzo: C Banda

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*FET*: DCF 0008/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokunika inkxaso kwiKharityhulam, kuBalawuli beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNtloko zawo onke amaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke neSatifikethi seMatriki

Isihloko: Uncwadi olumiselweyo lweemviwo zeBakala 12 zangoNovemba 2022 nezangoJuni 2023

1. ISebe leMfundo esiSiseko (*iDBE*) likhuphe iSetyhula E23 ka-2021, yomhla we-08 Septemba 2021 (eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo A**), nemalunga neencwadi zokufunda zoncwadi olumiselweyo lwazo zonke iilwimi zaseburhulumenteni kumanqanaba oLwimi lweeNkobe, oLwimi lokuQala oloNgezelelweyo noLwesibini oloNgezelelweyo kwiimviwo zeBakala 12 eziya kubhalwa ngoNovemba 2022 nangoJuni 2023.

2. Isebe leMfundo i*DBE* alikwazanga ukuyenza liyigqibe ikhathalogu eyenzelwe iincwadi zokufunda zoncwadi olumiselweyo, ngenxa yemingeni eqhubekayo edalwe ngubhubhane i-*COVID*-19. ISebe leMfundo i*DBE* lithathe isigqibo sokukumisela elinye ixesha ukuqaliswa koncwadi olutsha kude kube ngo2023 nokuya kwenziwa ngezigaba ngezigaba.

3. Isebe leMfundo *iDBE* liya kuqalisa imibongo namabali amafutshane amatsha (avela kwiingqokelela yemibongo emiselwe ukufundwa ngoku) ngo-2023, ukulungiselela iimviwo zangoNovemba 2023 nezangoJuni 2024. Akukho zincwadi zedrama, zizinoveli, nezoncwadi lwemveli *(folklore)* eziya kuqaliswa ngo2023.

4. Amaphepha emibuzo yoncwadi (iPhepha 2) eBakala 12 azo zonke iilwimi zaseburhulumenteni kwiimviwo zangoNovemba 2022 nezangoJuni 2023 aya kusekelwa kuncwadi olwalumiselwe iimviwo zangoNovemba 2021 nezangoJuni 2022, ngaphandle koLwimi lweeNkobe lwaBathetha ngeZandla lwaseMzantsi Afrika (*South African Sign Language Home Language*) (*SASL HL*).

5. Ngoko ke, makuqatshelwe ukuba ngaphandle kolwimi i-*SASL HL*, luyafana uluhlu loncwadi olumiselweyo lweemviwo zangoNovemba 2022 nezangoJuni 2023 ngokweSetyhula E19 ka-2018 yeSebe leMfundo iDBE, yomhla we-12 Julayi 2018 (eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo B**)

6. Uncwadi olumiselweyo loLwimi i-***SASL HL*** olulungiselelwe iimviwo zangoNovemba 2022 nezangoJuni 2023 zeBakala 12, luyafana ngokweSetyhula E16 ka-2020 yeSebe leMfundo i*DBE*, yomhla we-09 Septemba 2020 (eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo C**).

7. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane onke amaziko nabaviwa abaza kuhlalela iimviwo zangoNovemba 2022 nezangoJuni 2023 zeBakala 12 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-10-13